Isalathiso: 20210217-1049
Inombolo yefayili: 13/7/1/2
Imibuzo: J Parbhoo

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0003/2021

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakuBaphathi bamaziko emfundo yabadala

Isihloko: Iithayimtheyibhile zeemviwo ze-*Adult Education and Training Level 4* zangoJuni 2021 nangoNovemba 2021

1. Uviwo lwe-*Adult Education and Training (AET) Level 4* lwenza abafundi ukuba bafumane iSatifikethi se-*General Education and Training Certificate* esibhaliswe kwiNqanaba 1 kwi-*National Qualifications Framework*).

2. Uviwo **lwe-*AET Level 4* lwangoJuni 2021** luqala ngoMvulo, we-31 Meyi 2021, yaye luya kugqitywa ngoLwesithathu, nge-23 Juni 2021. Inikiwe **njengesiHlomelo A1** ithayimtheyibhile yoviwo lwe-*AET* lwangoJuni 2021

3. Uviwo **lwe-*AET Level 4* lwangoNovemba 2021** luqala ngoMvulo, ngowe-01 Novemba 2021 luqukunjelwe ngoLwesibini, nge-23 Novemba 2021. Kunikwe ithayimtheyibhile yoviwo lwe-*AET* lwangoNovemba 2021 **njengesiHlomelo A2**.

4. Zonke iiseshoni zoviwo ziya kuqala ngo-14:00. Ukungahambelani mbo nemihla namaxesha oviwo kuya kuthathwa njengesitenxo.

5. Ukuqinisekiswa komgangatho weenkqubo nemigaqo yoviwo kubaluleke gqitha ukuqinisekisa ukuthembeka kweemviwo. Oku kuya kuquka ukutyelelwa kungachazwanga kwamaziko okubhalela iimviwo ukuqinisekisa ukuba zonke iimviwo ziqhutywa ngokwemimiselo esebenzayo. Abameli abasuka kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni, Umalusi kunye neSebe leMfundo ePhakamileyo noQeqesho baya kubeka esweni iinkqubo zoviwo kumaziko okubhalela iimviwo. Kucelwa niqaphele ukuba ababeki-liso banokuvunyelwa ukubeka esweni uviwo ukuba bavelisa ubungqina besazisi kunye neleta ebagunyazisayo ukuba babeke esweni iimviwo egameni le-ofisi echaphazelekayo.

6. Ukuba iimviwo zeziko lemfundo labadala/zeziko lokufunda loluntu ziqhutyelwa kwisikolo esiqhelekileyo (*mainstream school*), umphathi weziko kufuneka enze amalungiselelo angaphambili ukulungiselela ukusebenzisa igumbi elinqatyisiweyo, icandelo lezolawulo, amagumbi okufundela, izindlu zangasese, njl. njl.

7. Umphathi weziko unoxanduva yaye kufuneka aphendule ngakwenzayo kuyo yonke imiba yezolawulo emalunga neemviwo.

8. Akukho mviwa uvumelekileyo kwindawo ekubhalelwa uviwo kuyo ngaphandle kokuba uvelise ileta yokwamkelwa eluviweni nesazisi (i-*ID*). (Qaphela: ukuba umviwa uvumelekile ukubhala uviwo ngaphandle kwesazisi (i-*ID*) neleta yokwamkelwa eluviweni, kufuneka avelise ubungqina besazisi zingadlulanga iiyure eziyi-24. Ukungakwenzi oko kuya kuthathwa njengesitenxo soviwo (*examination irregularity*.)

9. Umgadi wabaviwa oyintloko kufuneka aqinisekise ukuba abaviwa bangena kwindawo ekubhalelwa kuyo uviwo kwimizuzu eyi-35 phambi kwexesha lokuqala elimiselweyo leseshoni yoviwo. Eli xesha kufuneka lisetyenziswe ngolu hlobo lulandelayo:

9.1 Imizuzu eyi-25 yokuqala kufuneka isetyenziselwe ukuhlalisa abaviwa kwizitulo ezichanekileyo zabo, kuhanjiswe amaphepha emibuzo kunye neencwadi zeempendulo kunye nokufunda imigaqo yoviwo. Abagadi babaviwa abaziintloko kufuneka babakhumbuze abaviwa ukuba abavumelekanga ukuba babeneselula okanye naziphi na iinowuthsi zokukopa ezikubo ngethuba leemviwo.

9.2 Ngethuba lemizuzu elishumi eshiyekileyo, abaviwa kufuneka banikwe ithuba lokufunda iphepha lemibuzo.

9.3 Akuvumelekanga ukubhalwa okanye ukwenziwa kweenowuthsi kulo naliphi na inqanaba kwimizuzu eyi-35. Nakuphi na ukwaphulwa kwalo mmiselo kuya kuthathwa njengesitenxo (*irregularity*).

9.4 Abaviwa kufuneka bagqibe ukubhala ngexesha elibhaliweyo kwithayimtheyibhile yeemviwo.

10. Kucelwa abaphathi bamaziko okubhalela uviwo ukuba:

10.1 babanike ngoko nangoko bonke abahlohli babo nabaviwa ithayimtheyibhile ukwenzela ukuba babe nako ukulungiselela iimviwo.

10.2 babakhumbuze bonke abaviwa babo ukuba baveze ii-ID neeleta zokwamkelwa eluviweni phambi kokuqhubeka kweseshoni yoviwo nganye ukuthintela nabuphi na ubuqhopholo bezazisi; kunye

10.3 nokuba baqinisekise ukuba bonke abaviwa ababhalisele iimviwo ze-*AET* bazalisa icandelo loVavanyo oluQhubekela kwiZiko (*Site-based Assessment*) phambi kokubhalwa kweemviwo.

11. Kucelwa abaphathi bamaziko ukuba bazise bonke abaviwa nabahlohli ngokuqulethwe yile setyhula ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2021-02-25